

PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY

IMAGAZINI YAKWAGRIN SA YOPHUHLISO LWABAVELISI



Umcu ngamnye okwisiqwempu umele ukhoso lombona olunokubakho. Isiqwempu yindawo aphi kwenzeka khona umvumvuzelo.

Lubalulekile umvumvuzelo malunga nesivuno sesityalo

THUBA LOMVUMVUZELO LELINYE LAMABANGA ABALULEKE KAKHULU KUPHuhlISO LWESITYALO SOMBONA. KWELI XESHA UMSEBENZI WAMALUNGISELELO SOWENZIWE. KANTI ZIBALULEKE NGENENE NEEMEKO ZEMO-ZULU EZINIKA ITHUBA LOMVUMVUZELO. IZANDYONDYO ZEEMVULA, AMAQONDO APHEZULU OBUSHUSHU OKANYE IMBALELA ZIIMEKO EZITHINTEL A UMVUMVUZELO OLUNOMEKAYO NOLUFUNEKA NGAMANDLA UKUZE KUBEKHO IZIVUNO EZIHL E.

ITHUBA LOMVUMVUZELO

Ibanga lokudubula kweentyatyambo lesityalo sombona libaluleke kakhulu kuphuhliso lwaso ukwenzela isivuno seenkozo. Okulandelayo ngamanyathelo athile asentloko kwinkqubo yomvumvuzelo:

- Inkoliso yemihlanganisela ivela amanquma nesilika phantse ngexeshsha elinye. Ngosuku lwasiqhelo lwaphakathi ehlotyeni, ukuchitheka okukokona kukhulu komungu kwenzeka kusasa phakathi kwentsimbi ye-9:00 neye-11:00, kulandelwe ngumjikelo wesibini wokuchitheka komungu seyihamble imvakwemini.
- Ukuchitheka komungu kuqala embindini weliva elisesiphakathini senquma kuze ethuben i kunwenwele kulo lonke inquma.
- linkozo zomungu zisuka kwimiqumbi yentyatyambo, iyileyo kuyo iqulethe inani elikhulu leenkozo zomungu. Imiqumbi yentyatyambo iyavuleka zize zichithakalele ngaphandle iinkozo zomungu.
- Umungu ukhaphukhaphu kwaye kaninzi uthwalwa ngumoya kumbanga amade. Ukuchitheka komungu asiyonqubo esoloko isenzeka. Kunqumama xa inquma selimanzi kakhulu okanye xa lome kakhulu kuze kuhinde kuqalise xa iimeko zobushushu zifanelekile.

Lubalulekile umvumvuzelo...



Inquma elithwele umungu.



Isingxobo somungu siqulethe iingqakumbana ezincinane zomungu.



Xa umungu uchitheka kwisingxobo somungu, uqokelelwa sisiqwempu sesikhwebu.



Kuvela inquma kwincam yesityalo sombona.

- Uba mncinane okanye ungabikho umungu ochithekayo xa limanzi inquma, ngoko ke, alikho kangako ithuba lokuba umungu uhlambe uze uvuthulule iisilika xa kukho izichotho zemvula.
- Iisilika zigqunywa buboya obuyephuyephu, obunamatheleyo, obusebenza ukubamba nokuzinzisa iinkozo zomungu.
- linkozo zomungu zihlala zinako ukusebenza kwiiyure ezili-18 ukuya kwezingama-24 kuphela ukuze iinkozo zomungu ziqlise ukukhula zibe ngumbhojana womungu owehla ngomjelo wesilika kwimizuzu yokudibana kwawo nesilika.
- Umbhojana womungu ukhula ngokobude besilika uze ungene kwinityayambo yesikhomokazi (ilungu lesiqalelo sembewu) kwiiyure ezili-12 ukuya kwezingama-28.
- Ihlumelo lesikhwebu eliphuhle kakuhle lifanele ukuba namalungu ezi-qalelo zembewu ezingama-750 ukuya kwi-1 000 (iinkozo ezinokufumaneka) ukuze ilelo liveze isilika.
- Iisilika ezikufuphi nesiseko sesikhwebu zivela kuqala ukuze ezikwincam zivele mva. Phantsi kweemeko ezelungileyo, zonke iisilika ziya kuhluma zize zilungele umvumvuzelo kwiintsuku ezintathu ukuya kwezintlanu. Oku kukholisa ukunika ixesha elaneleyo lokumvumvuzela zonke iisilika phambi kokunqumama kokuchitheka komungu.
- Inquma ngalinye liqulethe iinkozo zomungu ezinini kangangezigidi ezbini nangaphezulu, ukuze oko kube ziinkozo zomungu ezingama-2 000 obona buncinane ezivela ngesilika nganye yehlumelo lesikhwebu.
- Unqongophalo lomungu luba yingxaki phantsi kweemeko zobushushu nembalela egqithisileyo; lusenokwenzeka futhi emasimini aphawuleka ngokuhluma okungalungelelananga kwezityalo ezhiluma ethuben. ■



Izingxobo zomungu ziyaggabhuka zivuleke umungu uchithekele kumanquma ezikhwebu zombona ezingezantsi.

JENNY MATHEWS,
INGCALI NOMHLOHLI
WOLAWULO NOPHUHLISO



AMAZWI AVELA... *kuLiana Stroebel*

NGOKUQINISEKILEYO UKUFAMA NGOMNYE WEYONA MISEBENZI INZIMA KODWA ENGUMANGALISO EHLABATHINI. NGUMNTU WO-HLOBO OLUKHETHEKE NGENENE ONAKO UKUBA NGUMLIMI ONOBUCHULE. UTHANDO LOKUSEBENZA PHANDLE OKANYE LOKULUNGISA IZINTO AKUSANELISI KWAPHELA! UMLIMI WENENE UFANELE UKUBA 'NGUMPONDOZIHLANJIWE KUZO ZONKE IINKALO'.

Njengoko ulwazi lusisixhobo esinika amandla, kuyinyaniso ukuba ukuze wenze izigqibo unolwazi ufanele ukuhlala uneenkukacha ezechaneke ngqo ngokufama malunga neentlobo zemihlabo, impiilo yezityalo, imbewu, iikhemikhali, izichumiso, ukusebenzisa oomatshini, ukwenza uhlahlomali, ulawulo lwemali, irhafu, ukuthengisa, ulawulo lwabasebenzi, imozulu neminye imiba ngokubanzi. Inyaniso ke kodwa isixeleta ukuba bambalwa kakhulu abalimi ehlabathini abangamachule kuyo yonke le miba.

Nangona kunjalo, kubaluleke kakhulu ukuzazi nokuzamkela iinkalo onamandla kune nezo ubuthathaka kuzo. Ukuziphakamisa kungaba lolona tshaba lwakho luyingozi.

Ukuze ukhule kubalulekile ukungqongwa ngabantu abanobugcisa kwizinto wena ongenamandla kuzo. Tyala ixesha lakho usakha ubudlelwane obungenakufane buqhawuke neengcali ezingababoneleli beemveliso zamalungiselelo nabeenkonzo, iimbumba zentsebenziswano nabadlali beendima abanokuthenjwa nabananmava abanzi kushishino.

Yiba soloko uzama ukusebenzisa abantu oqhele ukunxibelelana nabo njengommelwane orhwebayo okanye abalimi abarhwebayo abangabona bakufutshane kuwe kwindawo yakho. Yazi ukuba umlimi ngamnye orhweba ngempumelelo ukwathembeka kakhulu malunga namacebiso abhekiselele kwaba badlali beendima kushishino!

Njengoko ngoku sisemaphakathini exesha lokulima, ndikunqwe-nelela konke okuhle! Ukuba ugcina intloko yakho uyithokombisile, usebenze nzima, wenze into elungileyo ngexesha elilungileyo, amathamsanqa esivuno esihle aya kuba ngecalalakho.

Landela icebiso lencutshe yaseMzantsi Afrika yomdlalo wegafu, uGary Player: 'Ngokuya usebenza nzima, namathamsanqa ene njalo ukukulandela'. ■

Ukufama ephepheni kukhokelela empumelelweni

UCWANGCISELO YINKQUBO YOKUJONGA PHAMBLI. ENYANISWENI 'IKUKUFAMA EPHEPHENI' NJENGOKO USENZA ISICWANGCISO SOMSEBENZI WOKUFAMA EPHEPHENI UKUZE UBONE IZIPHUMO EZINOKUFUMANEKA.

Ukuba akwanelisekanga ngemeko yakho neziphumo ngoku, ukwenza kwayona loo nto akusayi kuyitshintsha imeko yakho. Ngoko ke, ukwenza ucwangciseloo lwehesha lokulima elizayo kufanele ukualisa ngalo mbuzo: Ndiyenzela ntoni into endiyenzayo futhi ingaba ndingayenza bhetele na? Ngelishwa akukho mpendulo ingqalileyo. Kodwa ukuba uthelekisa impendulo yakho nento eyenzeka ngenene, uya kuba nako ukwenza isiggiboo malunga nokuba ingaba usekhondweni elichanekileyo na okanye ufanele ukuphinda ubuyelele kwimigaqo yakho ngokuqiqia ngokutsha na.

UKWENZA ISIGQIBO

Isiggiboo malunga nokufanele ukulinywa siya kuxhomekeka koku:

- Izityalo ezsentsimini ngoku.
- Iziggiboo ngokujikelezisa kwezityalo.
- Izibalo ngesakhono esinokuthenjwa senzuso sezityalo ezahluka-hlukileyo ezinokulinywa.

Isakhono esinokuthenjwa sezityalo ezahluka-hlukileyo sixhomekeke kwi-sakhono samasimi ahluka-hlukileyo ngokunjalo nento eyensiwe kwixeha elidlulileyo lokulima esebezileyo nengasebenzanga. Intsimi nganye idinga ukucwangciselwa ngokwesityalo nangokwesakhono ngokunjalo nangokwento ebityalwe entsimini, ikhemikhali yokhula ebiisetenzisiwe kwaye izeziphi izityalo ezinokulinywa.

Kufuneka kwenziwe isiggiboo ngokujikelezisa kwezityalo. Oku kubalulekile ukuze kubalwe imali eza kudingeka ukuze kuvunwe isityalo sonyaka olandelayo. Okwenza kubaluleke kakhulu kukuba kufuneka ubale imali eza kudingeka xa kulinywa isityalo sonyaka olandelayo. Kaloku kunyanzele-kile ukuba kubekho imali phambi kokuqaliswa kwexeha elitsha lokulima. Ukulima kuqala ngoJulayi ngokukrazulwa kwentsimi okokuqala, ukuthawha kweesampulu zomhlaba nokugalelwaa kwekalika.

Abalimi abaninzi baye kuthi akunakwenzeka okungasentla kodwa abalimi abagqwesayo basebenza ngolu hlubo ngonyaka ngamnye. Basoloko beligcina ixesha, befumana ezona zivuno zihle kananjalo basoloko befumana eyona nzuko iphezulu.

IINDLEKO ZEEMVELISO ZAMALUNGISELELO

Abalimi abagqwesayo benza uhlahlomali olunobucukubhede bezi-tyalo kuqukwya yonke into eza kudingeka yokulima isityalo. Kukho izithetha abazisebenza xa bebala iindleko zeemveliso zamalungise-lelo eziisetenzisiweyo.

Iindleko **zembewu** yombona nezezinye izityalo kulula ukuzifumanisa. Qhagamshelana nabathengisi bembewu ukuze bakuncedise ngemihlanganisela enokulinywa, amanani ayo ngehektare kune neendleko.

Kunzima noko ukubala iindleko **zembewu** kodwa kunako ukwenzeka. Umbutho weziChumiso waseAfrika eseMzantsi (The Fertiliser

1	Amanani okusetyenziswa kwezondlo zezityalo ngumbona kwizivuno ezahluka-hlukileyo ukwenzela ucwangciseloo.		
Izondlo zezityalo	Ngetoni	Ngeetoni ezi-4	Ngeetoni ezi-6
<i>Nitrogen (N)</i>	15 kg	60 kg	90 kg
<i>Phosphorus (P)</i>	3 kg	12 kg	18 kg
<i>Potassium (K)</i>	4 kg	16 kg	24 kg

Association of Southern Africa - FERTASA) iwapapasha rhoqo amanani okusebenza kwezichumiso ngesityalo ngasinye. Tyelela iwebhusayithi yabo apha. <http://www.fertasa.co.za/>. Amanani okusetyenziswa kwezondlo zezityalo zombona (kg/t iinkozo) aboniswa kwi**Theybile 1**.

Xa unezi nkukacha zidibanise nomthengisi wakho wezichumiso akuncedise ngokubala isichumiso esidingekayo ngokunjalo neendleko. Malunga nekalika, umthetho wobuchule yiton e-1 ngehektare ngonyaka. Xoxa ngalo mba nomthengisi wakho wezichumiso.

Inkubo yakho **yekhemikhali yokhula neyezinambuzane** iyakwahluka ngokohlobo lombona olinyiwego. Ukuba kulinywe umhlanganisela wezicuku zofuzo weRoundup Ready, inkubo iya kwahluka kweyomhanganisela wesiqhelo. Xa uza kulima umhlanganisela, mema umthengisi wakho weekhemikhali zokhula ukuba atyelele kwifama yakho ukuze akuncedise ngesiggiboo malunga nenqubo yekhemikhali zokhula neyezinambuzane. Ngoncedo lwakhe uya kukwazi ukuba nolwazi oluhle ngeendleko zenqubo enjalo.

Imisebenzi **yedizili neyokukhanda** nayo inokubalwa ngokuchanekileyo. Umthetho wobuchule, malunga nomgaqo wokulima ngokwesiqhelo kuya kusetyenziswa illitha ezingama-75 zedizili. Ukuba unamanani akho okusetyenziswa kwedizili, wasebenzise. Sebenzisa ixabiso langoku lamafutha okubasela ukuze usondele kwiindleko zenene. Lusoloko lukhona uthelikiso phakathi kweendleko zedizili, ezokukhanda neendleko zolondolozo.

Ukuba abalimi basebenzisa iindleko zabo zamafutha okubasela base bafakele i 10% ehamba yodwa, ziya kusondela kwiindleko zokukhandwa nokusondola kwazo okudingekayo. Kufanele kuqukwe nezinye iindleko ezifana nokuzikhushela kwangaphambilii kwilahleko nezeinshorensi yomsebenzi weekhontrakthi.

Umahluko phakathi kwengeniso kune neendleko ezabelwa ngokungqalileyo ngunda wezityalo uphelele. Khumbula ukuba xa umda opheleleyo unganiki themba, ithuba lokuba isityalo singaba nenzuso, alinakufane libekho. Buyelela kumaxabiso ngokuwaqwalasela ukuze uhlengahlengise. ■



PIETMAN BOTHA,
UMCEBISI OZIMELEYO KWEZOLIMO

Inkangeleko yombona ngexesha LOKULIMA LANGO-2022

ELI NQAKU LIQWALASELA OKUNOKUTHENJWA NGOKULINYWA KOMBONA NGO-2022, NGOKUBHE-KISELELE KWINGXELO YEKOMITI YEENGQIKELELO NGEZITYALO (CEC) MALUNGA NEENJONGO ZABALIMI ZOKUTYALA.

OKUNOKUTHENJWA EHLABATHINI

NgokweBhunga leeNkozo leHlabathi (International Grains Council – IGC), imveliso yehlabathi kungenzeka ukuba yande nge 7% kunyaka nonyaka, ukuze izivuno zesiqhelo ezilindelekileyo zibuyele endaweni yazo emva kokwehla kumaxa amabini alandelelanayo. Kulindeleke izityalo ezininzi kubalimi abasemantla ehlabathi, kuqukwia iUSA neUkraine, kukwalindeleke izivuno ezikhulu naseBrazil ngokunjalo naseArgentina, kodwa oko kuya kuxhomekeka ngokubanzi kwiimeko ezichaphazela ixesa lokulima, ngakumbi ngenxa yemozulu ebaleleyo elindeleke ukuba ithande ukuqatsela.

Ngenxa yeengxelo ezikhoyo kulindeleke ukuba izityalo ezininzi zisebenziseke kwixesha elitihle elitsha. Kanti impahla ekuvalwa ngayo ingasuka ibuyele endaweni yayo emva kokwehla kumaxa okulima alandelelanayo amabini adlulileyo kodwa aya kuhlala enganeno kwisqhelo sakutshanje. Zikhona iinkhalo malunga nokunkuthenjwa kwizityalo zexesha elizayo ngokubhekiselele kwiindleko zeemveliso zamalungiselelo eizithe kratya nesezibonakala kwintengiso yaseUS nakumaxabiso enkxaso yangoku.

OKUNOKUTHENJWA KWELI LIZWE

Ngokwengxelo yekomiti yeengqikelelo zezityalo malunga neenjongo zokutyalu, abalimi borhwebo baneenjongo zokulima umbona kwihektare zezigidi ezingama-2,725 ngo-2022, ezibubukhulu obunganano kwihe-

ktare ezingama-30 200 zexesha elidlulileyo lokulima.

Ingxelo ibonisa ukuba abalimi baneenjongo zokulima iihektare zezigidi ezi-1,644 zombona omhlophe, nezibubukhulu obunganano nge 2,8% kwezexesha elidlulileyo lokulima. Malunga nombona otyeli, kulindeleke ukulinywa kwehektare zezigidi ezi-1,081, ezibubukhulu obungaphezulu nge 1,65% kwezexesha elidlulileyo lokulima.

Itheyibile 1 isekwe kwezi njongo, apha iimeko zahlukileyo khona ngokusekwa kokunokuthenjwa malunga nezivuno eziphantsi, eziqheleki-leyo neziphezulu. Ngenxa yoqikelelo lwemozulu ngoku, imeko yesi-2 (yesivuno esiqheleki-leyo) kungenzeka iphume phambili. Oku kungathetha ukuba isityalo sisonke sezigidi ezi-15 zeeton, apha intengo yorhwebo iyonke izigidi ezi-13 zeeton kune nentshiyekela emalunga nezigidi ezi-2 zeeton.

Intshiyekela enkulu ngolo hlobo inoxinzelelo kumaxabiso ngoko ke, kufuneka kuthengiswe umbona othe kratya emazweni angaphandle ukuze kulungelelaniswe izinto kummandla wentengiso ngokunjalo kugcikale nozinzo lwamaxabiso. Nangona kunjalo, umngeni okhoyo ngoku malunga nokuthengisa ngokuthe kratya emazweni angaphandle ngumbandela weziseko zezbonelelo, ezsadinga ukuqwalaselwa ngokusebenzisa iinkubo ezifana nesicwangciso solimo esingumalathandlela. ■



IKAGENG MALULEKE,
INGCALI YOQOQOSHU
KWEZOLIMO EGRAIN SA

1 Intengiso nentengo yombona eMzantsi Afrika.

	Umgqaliselo weGSA	Isivuno esiphantsi	Isivuno esiphakathi	Isivuno esiphezulu
Umhla wohlaziyo: 28/10/2021	CEC 9th est.	Imeko yesi-2	Imeko yesi- 2	Imeko yesi-3
Unyaka wentengiso	2021/2022*	2022/2023**	2022/2023**	2022/2023**
Indawo elinyiweyo (x1 000 yeehektare)	2 755	2 725	2 725	2 725
Isivuno (iiton/ngehektare)	5,88	4,86	5,72	6,47
lingqikelelo zesityalo seCEC ('000 iiton)	16 211	13 232	15 576	17 644
Intengiso yorhwebo				
Impahla ekuvulwe ngayo (ngomhla woku-1 kuMeyi)	2 117	1 001	2 117	2 117
Impahla enikelwe ngorhwebo	15 136	12 682	15 026	17 094
Impahla ethengwe emazweni angaphandle	5	5	5	-
Intengiso yorhwebo iyonke	17 258	13 688	17 148	19 211
Ukusetyenziswa eRSA kukonke (urhwebo)	11 020	10 220	10 220	11 020
**intengiso emazweni angaphandle	3 620	3 164	3 764	2 964
Intengo yorhwebo iyonke	14 640	13 384	13 984	13 984
Okuqhutywayo (ngomhla wama-30 kuApreli)	2 618,12	303	13 984	5 227
limfuneko ezsendleleni yokuphunyeza (1½ iinyanga)	1 363	1 306	1 363	1 363
Intshiyekela ngaphezu kokusendleleni yokuphunyeza	1 256	-1 003	1 801	3 864
Okuqhutywa njenge % yokusetyenziswa eRSA	24%	3%	31%	47%
Okuqhutywa njenge % yentengo ngorhwebo iyonke	18%	2%	23%	37%

Ixesha lokulima langoku = *Ingqikelelo

Ixesha elitsha lokulima = **Ukucingela kwangaphambili

Umthombo weenkukacha: Grain SA

Zive unolawulo olugqibeleleyo LWEEMALI ZAKHO

NGOKOMTHETHO WELIZWE LETHU, INGENISO EFUNYANWA NGUYE NAWUPHI UMNTU OQHUBA 'UMSEBENZI WOKWALUSA, ULIMO OKANYE EMINYE IMISEBENZI YOKUFAMA' ENYANISWENI IFANELE UKURHAFELWA, KWAYE IFANELE UKUHLANGANISWA NAYO YONKE INGENISO ERHAFELWAYO EQOKELELWA KWAMANYE AMAJELO ENGENISO UKUZE KUQOSHELISWE INGENISO ERHAFELWAYO YOMHLAWULI WERHAFU NGONYAKA NGAMNYE WOHLALUTYO.

Amanani angawona matsha kwiwebhusayithi yeeNkonzo zeNgeniso zaseMzantsi Afrika (South African Revenue Services - SARS) alatha iqondo lerhafu ngokwengeniso efunyenweyo (**Itheyibhile 1**).

Nalu uludwe Iwamanye amagama abalulekileyo kwihlabathi logcinozincwadi:

UBALOMALI

- Inkubo yokuchonga, ukuhlalutya, ukugcina iingxelo, ukuqokelela nokugcina iinkukacha kune nedata malunga nemisebenzi yeshishini.
- Inkubo yokulungisa iingxelo zezishwankathelo zale misebenzi ngaphakathi ukwenzela abalawuli nangaphandle ukwenzela abo banemfanelo yokufumana iingxelo zemali ezimalunga neshishini.
- lingxelo zobalomali zibizwa ngokuthi ziengcacio zeemali kwaye zisetyenziselwa ukuxhobisa iziggibo ezenziwayo ngolwazi.
- Ubalomali luukha ukulungiswa kweenkcukacha zerhafu ezifanele ukunge-niswa eSARS ngawo onke amashishini nabantu abafumana ingeniso.

INGCACISO NGEMPAHLA YEXABISO NAMATYALA

Ingcaciso ngempahla yexabiso namatyala yingcaciso yemali enika ingxelo ngempahla yexabiso yequmrhu, amatyala, kune nemali yoosomaguna abanesabelo. Inika isishwankathelo seemali zequmrhu – impahla yalo namatyala alo ngomhla wopapasho.

- Impahla yexabiso** yiyo yonke imithombo yobutyebi efumaneka kwishini njengemali esesandleni, izinto ezamkelwayo, amanani empahla egciniwego, izakhiwo, nayo nayiphi na impahla enokusetyenziselwa

ishishini. Impahla yexabiso inokuba yimpahla ephathekayo efana nezinto eziciniwego nezakhiwo, okanye isenokuba yimithombo yobutyebi bemali njengemali esesandleni nemali eyamkelwa ngeeakhawunti.

- Amatyala eshishini** zizinto ezikwelitwa lishishini, ezikholsa ukuba sisixa semali sisonke.

- Imali yeshishini** sisixa sempahla yexabiso esishiyeka kwishishini ukwenzela abanini balo emva kokuxhuzulwa kwazo zonke iintlawulo zamatyala afana neemalimboleko zeebhanki neentlawulo zorhwebo.

Ilungiswa qho ekupheleni kwexesha likanyakamali (ngomhla woku-1 ku-Matshi ukuya kowama-28 kuFebruwari) kune nanini na xa idingeka. Eyona miba isentloko malunga nengcacio ngempahla yexabiso namatyala ibizwa ngokuthi ziakhawunti – ifana nemali esesandleni, uludwe Iwempahla egciniwego olunamaxabiso angoku, okufanele ukuhlawulwa, kune nempahla egciniwego yeshishini umzekelo, umlimi usenokuba neenkozo ezicinwe esiseleni. Ingcaciso ngempahla yexabiso namatyala ibhekisele ekulinganeni (okane kwintshiyekela) yempahla yexabiso equka amatyala ewonke kune nemali yabanini abanesabelo.

1

Isibalo esilula sokubonisa imali yomnini.



HELPING YOU GROW YOUR CROPS AND FARMING BUSINESS



PANNAR®
Together we farm
for your future™

CORTEVA™
agriculture

*® Trademarks of Corteva Agriscience and its affiliated companies.
© 2022 Corteva. 2022/CORP/E/008DEV



1

Unyakamali ka-2022 (ngomhla woku-1 kuMatshi ngo-2021 ukuya kowama-28 kuFebruwari ngo-2022).

Ingeniso erhafelwayo ngokweerandi	Iqondo lerhafu (R)
1 - 216 200	yi 18% ingeniso erhafelwayo
216 201 - 337 800	ngama-38 916 + 26% engeniso erhafelwayo ngaphezu kwama-216 200 angasentla
337 801 - 467 500	ngama-70 532 + 31% engeniso erhafelwayo ngaphezu kwama-337 800 angasentla
467 501 - 613 600	ngama-110 739 + 36% engeniso erhafelwayo ngaphezu kwama-467 500 angasentla
613 601 - 782 200	ngama-163 335 + 39% engeniso erhafelwayo ngaphezu kwama-613 600 angasentla
782 201 - 1 656 600	ngama-229 089 + 41% engeniso erhafelwayo ngaphezu kwama-782 200 angasentla
1 656 601 nangaphezulu	ngama-587 593 + 45% engeniso erhafelwayo ngaphezu kwesi-1 656 600 angasentla

UMQUKUQELO WEMALI ESESANDLENI

Lo ngumqukuqelo wemali esesandleni ukususela ekufumaneni inzudo okanye kwimisebenzi yokuhuba ishishini nengumqukuqelo wemali ephuma nengena eakhawuntini yebhanki.

IIMALI EZIPHUMAYO NEEMALI EZINGENAYO ZEENTLAWULO

Ulwimi olusetyenziswa kubalomali ngokuncipha nokwanda kubhalwe kwiiakhawunti.

- Ababolekisi** ngabantu okanye ngamaqumrhu oshishino akwelitwa imali kuba enikele ngempahla okanye ngeenkonzo okanye eboleke omnye umntu okanye ishishini imali.
- Ababoleki** ngabantu okanye ngamaqumrhu oshishino akwelita omnye umntu okanye ishishini imali kuba bebenikwe impahla okanye iinkonzo, okanye bebeboleke imali kubo. Ityala likholisa ukwahlulwa ngokweenlawulo zezavenga zenyanga ekuvunyelwene ngazo ngamaqela omabini lide lihlawulwe lonke ityala. Kuqheleke ukuba ababoleki kufuneke ukuba **bahlawule inzala** ngokwexabiso elisewke kwintsusa yemalimboleko.
- Inzala** yintlawulo efunwa ngumbolekisi kuba enikele ngemalimboleko kumboleki onenyhweba yokuhlawula ityala ethe chu kwithuba eloluliweyo lexesa.
- Ingxelo **ngemali engenayo (CR)** yingxelo ngayo yonke imali engena kwiakhawunti, oko kukuthi yimali efanele ukuhlawulwa kwishishini.
- Ingxelo **ngemali ephumayo (DR)** yingxelo ngayo yonke imali ephuma kwiakhawunti, oko kukuthi yimali elityala leshishini.

INGXELO ZEMALI

lingxelo zemali zamashishini ziureka iingcaciso zemali ezintathu ezisentloko ezizezi, ingcaciso ngempahla yexabiso namatyla, ingcaciso yengeniso kunye nengcaciso ngemiqukuqelo yemali esesandleni.

IMPAHLA YEXABISO ENGASHENXISEKIYO

Le yimpahla ebhalwe kuludwe lwempahla ekhoyo kwaye iureka izinto ezininzi ezalhuka-hlukileyo ezinobomi obude, impahla ephathekayo esetyenziswa lishishini xa liqhuba imisebenzi yalo, umzekelo, umhlaba, izakhiwo, oomatshini, izixhobo zokusebenza, ifanitshala, izinto zokusebenza kunye nezithuthi.

INGCACISO YENGENISO

Ingcaciso yemali ishwankathela ingeniso efunyenwe kwiintengiso kunye neenkitho/iilahleko.

INZUDO

Kwingcaciso yengeniso, igama elithandwayo malunga nenzudo yasekugqibeleni okanye esemgceni ongezantsi yingeniso esekuxhuzulwe *intlawulo kuyo*.

lingcali zobalomali okanye **abagcinizincwadi** bagcina iincwadi ngokweengxelo ezcwangcisiweyo zemisebenzi yonke yemali kwinyanga nenyanga. lingcaciso zemali zeshishini ziyahlanganiselwa ke ngoko, ukwenzela unyakamali wobalomali ophela kusuku lokugqibela kuFebruwari.

JENNY MATHEWS,
INGCALI NOMHLOHLI
WOLAWULO NOPHUHLISO



PULA IMVULA

Iqela labahleli

GRAIN SA: PRETORIA

PO Box 74087
Lynnwood Ridge
0040

- 08600 47246
- www.grainsa.co.za

UMHLELI OLAWULAYO

Dr Sandile Ngcamphalala
■ 082 862 1991 ■ lofisi: 012 943 8296
■ sandile@grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel
■ 084 264 1422 ■ lofisi: 012 943 8285
liana@grainsa.co.za

UMAHLULELANE KUPAPASHO

INFOWORKS MEDIA PUBLISHING
Umhleli ongumncedisi – Louise Kunz

- louise@infoworks.biz

Inkokeli yeqela lomsebenzi – Johan Smit

- 082 553 7806 ■ lofisi: 018 468 2716
- johan@infoworks.biz

Abapapashi – Elizma Myburgh, Joritha Hechter



INkqubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

ABAQUQUELELI BOPHUHLISO

Johan Kriel
Free State (Ladybrand)

- 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za

Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Nelspruit)
■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ Smangaliso Zimbili

Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8218

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)
■ 082 650 9315 ■ graeme@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Luke Collier

EMpuma-Koloni (Kokstad)
■ 083 730 9408 ■ luke@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8280 ■ Luthando Diko

Liana Stroebel

ENtshona-Koloni (Paarl)
■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8285 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)
■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlanyane

Cwayita Mpotyi

Mthatha
■ 078 187 2752 ■ umthata@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8277

IPULA IMVULA IFUMANEKA

NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa, IsiNgesi, iSeTswana, iSesotho nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.

THIS PUBLICATION IS MADE POSSIBLE
BY THE CONTRIBUTION OF THE MAIZE TRUST

MADE POSSIBLE BY
THE MAIZE TRUST

Inkqubo egugula ubomi babantu



Ingxelo

Indibano yesiqu sam kumgangatho ophantsi

UKUSUSELA ngomhla woku-1 kuNovemba ukuya kowe-18 kuNovemba sibe namathuba angama-73 otyelelo **Iweefama kubalimi abangama-37**. Aba balimi bafumana inkxaso yabo ngabanye kwiqela lethu lophuhliso lwabalimi ukwenzela eli xesha lokulima lasehlotyeni.

Iqela laseGrain SA lophuhliso lwabalimi liphumeza iiprojekthi ezinini ezahluka-hlukileyo. Sisoloko sinombulelo kwintlobo zolwahlulelwano olusixhasayo nolunikela ngenkxasomali yabanikeli olusinceda ngokuthi sikwazi ukuguqula ubomi babalimi futhi siqinisekise ukukhula nokuphumelela kwabo. Kwithuba langoku ziliqela iintsebenziswano ezahluka-hlukileyo ezikhoyo ezsincedisa ekubeni sihambe kune naba balimi kulo nyaka.



Umlimi uTamsanqa Raphael Masuku ufama kwifama iKwaggafontein kwaye unenxa-xheba kwinkqubo yeSACTA yasehlotyeni. Iqela lethu leofisi yaseDundee limtyelele ukuze liqwalaselé amalungiselelo exesha lokulima ngokunjalo lilandele ngeliso iikhemikhali zokhula nezezinambuzane anazo elugcinweni. Apha utshiza emasimini.



UReginald Thokozani, Masondo usihlalo, ugwalasela umatshini wakhe wokutyla ngexesa lotyelelo lwabavela kwifisi yaseDundee.



Iofisi yaseLouwsburg ityelele iNzimande Farming Projects kwisithili saseAmsterdam. Nanku usihlalo uBoy Zakew.

Iqela ebelijolise kumlimi nakwisivuno sakhe

KWINYANGA kaNovemba iqela lethu lihambe iiikhilomitha ezinini, lisebenza kwiyyure ezinde kwaye linexesha elincinane lokulala. Konke oku kwensiwe ngenjongo enye – ukuncedisa abalimi ukuba izityalo zabo zilinywe ngawona maxesha afanelekileyo ukuze zivelise ezona zivuno zihle zinokufumaneka.

Lo ngumngeni omkhulu ngokwasembalini. Abaniki benkxaso yemali abakhawulezi ukunikela mhlawumbi ngoncedo lwemali okanyo ngeemveliso zamalungiselelo, kuze oko kubambezele imisebenzi yamalungiselelo omhlaba, iinkqubo zokutshiza nezokutyalala. Oku kuthetha ukuba izivuno azilinikwa ithuba elihle ukususela kwasekuqaleni. Kudala sizama kanganoko sinako ukukhuthaza abanomdla nababolekisa nge-mali ukuba benze eyabo indima ekuncediseni abalimi ukuba ixesha lokulima ngalinye baliqale kakuhle kangangoko kunkwenzeka. Ukuze uphuhliso lwabalimi liphumelele abaqlunqi bemigaqo-nkqubo nabadlali beendima mabenze into elungileyo ngexesa elilungileyo.

Siyidlala ngenkuthalo indima yethu kwiindawo esizityelelo ngokuqinisekisa ukuba abalimi banolwazi, bayaxhotysiwa, bayaxhaswa ukuze bakulungele ukusebenza. Ukuthathwa kweesampulu zemihlabo kuyaboniswa kuze kuchazwe iziphumo zako. Sakha ubudlelwane bothungelwano nabathengisi futhi abalimi sibafundisa ukuba bahambe bethelekisa amaxabiso ezivenkileni ukuze bafumane eyona mveliso igqibeleleyo nethenekayo. lingxoxo zasekuqaleni kwexesha lokulima ziukka ukubaluleka kokwenza ucwangciselokutshabalalisa ukhula nolweenkqubo zokutshiza ngokunjalo nolokukhetha imihlanganisela kananjalo nemigaqo echanekileyo yokuhlwayela. Umyalezo osentloko esinawo kukukhuthaza abalimi ukuba benze into elungileyo ngexesa elilungileyo futhi balandele inkqubo yezityalo ngeliso elibukhali kulo lonke ixesha lokulima.

Abalimi bafanele ukuluquzelela ulawulo lweetrektara. Ukuba izixhobo zokusebenza ziphoa umlimi ngexesa elixa-kekileyo, oko kuba neendleko eziphezulu kakhulu kubangele nelahleko yesivuno engeyomfuneko.



UGraeme Engelbrecht okwiofisi eseDundee uncedise umlimi ogama linguSphelele Hlubi ngokuqwalasela izixhobo zakhe zokutyalala nezokutshiza ukulungiselela ukutyalala kwasehlotyeni. UMnu Hlubi uyinxalenye yenqubo yaseHlotyeni yeSACTA.